UMPHATHISWA WESEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO KWINTSHONA KOLONI, UNKSZ ANROUX MARAIS

INTETHO YOHLAHLO-LWABIWO MALI YONYAKA WAMA-2016/17

30 KWEYOKWINDLA 2016

Somlomo obekekileyo

Nkulumbuso yePhondo

Malungu eKhabhinethi kunye naMalungu ePalamente yePhondo
Sihlalo weKomiti eLawulayo

Ntloko yeSebe kunye neemanejala zeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo

Mahlakani ethu kumacandelo ezemidlalo nenkcubeko

Nina bamajelo eendaba

Bahlali beNtshona Koloni

Molweni ngokuhlwanje

Intshayelelo

Somlomo, ndiziva ndimncinci leli wonga ndilinikiweyo lokuba ndenze ndinike uhlahlo-lwabiwo-mali lweSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, lonyaka wama-2016/2017 kule Ndlu nakubantu bephondo leNtshona Koloni liphela. Ndiza kunaba ngendlela iSebe eliza kuyisebenzisa ngayo imali elabelwe yona engama-R736 184 000 khon' ukuze sibe neNtshona Koloni ebandakanya wonke umntu ngokwentlalo, enesiphiwo sokuyila, ethatha inxaxheba kwizinto ngezinto futhi emanyeneyo. Ulwandlalo-ntetho yam luqulethe ukuzinikezela kwethu ekuphuculeni

iziphumo zezemfundo kunye namathuba okuphuhlisa ulutsha ngenjongo yokuhlaziya uluntu olwalukade luzintlaba-zahlukane, ngemidlalo nemicimbi yenkcubeko.

IMicimbi yeNkcubeko kunye neMidlalo njengesixhobo sokudala ukubandakanyeka kwabantu bonke ngokwasentlalweni

Somlomo, siye singavi kamnandi xa amajelo eendaba esiphakela iindaba ngezinto ezingalunganga nezolwaphulo-mthetho ezenzeka kwiingingqi zethu,. Ezona ngongoma zeendaba zixhaphakileyo zikholisa ukubandakanya ezi: "Amaqela emigulukudu alulutsha anyuka ngokunyuka", "Odlwengule imveku uza dilikelwa yintolongo", "Ayanyuka amanani amantombazana akhulelwa eselula", "Kunyukile ukusetyenziswa kweziyobisi" kunye nezithi, "Kuchanwe kwasweleka ongenatyala kudutyulwano obelukho". Ekugqibeleni abona bantu bachaphazeleka kakhulu lulutsha lwethu. Eyona nto ihlupha nangakumbi ngoku yiyantlukwano nocalulwano ngokobuhlanga, nto eyo ezingatshabalalisi nje kuphel intsulungeko yezimilo kodwa nobuntu.

IiNkqubo ezine eziqhubayo kwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo zijolise kanye ekulungiseni iimeko zentlalo ezikhalazisayo yaye ezi nkqubo zinegalelo elihle ekuphuculeni ulutsha kwaye zidala ukuba xa sisonke sizazi ukuba singoobani kweli phondo. Zone ezi nkqubo zethu ziyasebenzisana ekudaleni umanyano, ithemba, uxolelwaniso, imbeko, ukuzingca nokubhiyozela ukwahluka kwethu kwaye ngaxeshanye zikhuthaza ukuphuhliswa kolutsha.

Inkqubo yoku-1: Ulawulo

Somlomo, kulo nyaka wama-2016/17, iNkqubo yoku-1: ICandelo loLawulo labelwe imali ezizigidi ezingama-R61 450 000. Le mali iza kunceda eli candelo ukuba likwazi ukuphumeza ubonelelo lwenkonzo egqibeleleyo ngeenkqubo zayo zophuculo lwendlela elawulwa ngayo imali. Esi sixa semali sabelwe eli candelo, siza kuqinisekisa inkxaso kuzo zonke iinkqubo ze futhi sincede ekuphuculeni ukusiwa kweenkonzo kuye wonke umntu waseNtshona Koloni. Isixa semali esizizigidi ezingama-R30 103 000 siza kunika inkxaso kwinkonzo yolawul lemali apha kwisebe kuquka iinkonzo zokulawulwa kwemali kumaqumrhu ama-3 karhulumente naphantsi kwale ofisi yeNtshona Koloni angala: IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Koloni, iKomiti yeeLwimi

yeNtshona Koloni kunye neLifa leMveli leNtshona Koloni, maqumrhu lawo amelweyo kwigalari namhlanje.

Somlomo, mandithathe eli thuba ndibalule amagosa eSebe lethu akhoyo apha namhlanje, nakhokelwa yiNtloko yeSebe, uMnu Brent Walters. Ndiyanibulela nonke ngomoya wobuchule nentsulungeko eniwenza ngawo umsebenzi wenu nowenza ukuba igalelo lenu lingqineke kubemi beNtshona Koloni ngenkonzo yeMicimbi yeNkcubeko neMidlalo eniyenza ngenkathalo, ngocikizeko, ukukwazi kwenu ukumela izinto, ngentembekongokuzimisela, nangesidima. Ukuzinikela nokuzimisela kwenu kuyabonakala. UMnu Richard Branson wakhe wathi, "Noxa abantu abaninzi bebalula ingeniso nemveliso njengezinto ezibalulekileyo, ndikholelwa ekubeni impumelelo eyiyo kwezoshishino yakhiwa ngabasebenzi abakuthandayo ukusebenza kweloo shishini nakubathengi nabaxhasi abathanda imveliso kunye nenkonzo yeshishini elo." Uphinda acebise athi, "Baqeqeshe ngendlela eyiyo nelungileyo abantu ukuze bakwazi ukulishiya ishishini lakho, baphathe kakuhle ukuze banganqweneli kuhamba kwishishini lakho". Ubungqina bale ntetho bubonakala kwiimbasa eziphunyelelwa leli sebe lethu rhoqo. Somlomo, ungomso lusuku oluza kube lunika ubungqina bokuba uMlawuli oyiNtloko weMicimbi yeNkcubeko, uHannetjie Du Preez uqeqeshiwe leli Sebe ngoba uza kube elishiya. Kule minyaka ingama-22 idlulileyo ekule nkonzo karhulumente, uHannetjie Du Preez ebesaziwa njengovimba wolwazi weNtshona Koloni kwimicimbi yonke emalunga nenkcubeko. Iintliziyo zethu zibuhlungu kakhulu xa kufuneka sithi ndlela-ntle kuye kwaye simnqwenelela amathamsanqa kwindlela asaza kuyihamba.

Somlomo, njengoko imeko yezemali kurhulumente ingentle noko, injongo yolu Hlahlo-lwabiwo mali lonyaka wama-2016/17 kukuxhobisa ngendlela eyiyo yokuphatha imali karhulumente. Eyona mali ininzi ithathwa yimivuzo yabasebenzi. Ngenxa yokuba bonke abasebenzi bakarhulumente, abasisigxina nabo bangesosigxina, bechaphazeleka kubonelelo lweenkonzo olufezekileyo nakwinkonzo yolawulo ecikizekileyo, , ndinovuyo ukunazisa ukuba mna neNtloko yeSebe, sivumelene ekubeni siphinde sizihlaziye IZIVUMELWANO ZABASEBENZI ABANGESOSIGXINA kulo nyaka-mali mtsha. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo alizi kuthi ngoku bebaninzi abantu abaswele imisebenzi liphinde nalo libe negalelo kwintswelo-ngqesho kweli lizwe.

INkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko

Somlomo, ngemali engange-R109 443 000 eyabelwe iNkqubo 2: IMicimbi yeNkcubeko, siza kubonelela ngeenkonzo zobugcisa, ezenkcubeko, ezolondolozo lwembali, ezelifa lemveli nezeelwimi kubahlali bonke beNtshona Koloni. Oko ndabekwayo njengoMphathiswa, ndiya ndisomelela ngokomelela kukuzinikela kweSebe ekusebenziseni imidlalo nezenkcubeko njengesixhobo sokwakha iNtshona Koloni engacaluliyo, ebandakanya wonke ummi, eziyilela, ekhutheleyo ukwenza nenxulumeneyo.

UbuGcisa neNkcubeko

Ndiwubonile umzekelo wabantu abatsha abathe bayoyisa intlupheko nabo boyise ingxaki yokonakala kwempilo ngenxa yokuselwa kotywala ngunozala ngexesha besesesuswini iFoetal Alcohol Syndrome, besabelana ngeqonga namazwe angama-50 kukhuphiswano lwezoBugcisa eCalifornia. Bebengabelani ngeqonga nje kuphela, baye baziwa lihlabathi liphela ngokuthi baphumelele iimbasa zegolide nezesilivere ezingama-29 kunye neendebe kwicandelo lokudanisa. Ukuba unokulibona lingqisha eqongeni eli qela, ubunokusiqonda mhlophe iNuwe Graskoue Trappers izifanele ezo mbasa. Ndiyawazi umceli-mngeni wokunyusa ingxowa-mali eejamelene nawo iNuwe Graskoue Trappers ukuze ikwazi ukuphinda ithathe inxaxheba kukhuphiswano lwehlabathi. Somlomo, sesi sizathu ke esibangele kulo nyaka mali uzayo ukuba iSebe ligqibe ekubeni lilixhase ngemali eli qela ukuze sibone impumelelo kwakhona kweli qela kwaye sixhase nezinye iinkqubo zalo eziqhutywa kwezinye iingingqi.

Ndiwabonile amaqela, nangona la maqela eneentlanga ezahlukeneyo, imvelaphi engafaniyo, ulwimi nomgangatho ongafaniyo, ebonisa italente yawo kwidrama kweli phondo lonke esabelana ngomyalezo kunye nababukeli abazalise amaholo. Iminyhadala yedrama yeSebe iqhubeke kwizithili zonke zeli phondo baze abaphumeleleyo bafumana ithuba lokuthatha inxaxheba kuMnyhdala owaziwa ngokuba yiZabalaza ebiphaya eBaxter nase-KKNK kulo nyaka. Mandibalule uFahiem Stellenboom, ophethe icandelo leMarketing phaya eBaxter kunye noBongile Mantsai, ongomnye wabagwebi kwiminyhadala yedrama, ngenkxaso yabo engagungqiyo bexhasa iintshatsheli ezisakhulayo kwiingingqi ngeengqingqi zeli phondo. Ndifuna nokubulela uMarlene Le Roux, owongamele elaa qumrhu laziwa

ngokuba yi-Artscape, ngokuqhubela phambili iphulo lokusa ezi nkonzo emaphandleni nelaziwa ngokuba yi-Rural Outreach Programme. NgeyeDwarha 2015, iRural Outreach Programme yamema izikolo ezingama-49 kummandla weBreede Valley yaze ngokwenza njalo yavulela abafundi abangama-2 400 ithuba lokuba bathathe inxaxheba kwiindidi ezahuekeneyo zobugcisa. Ndiyijonge ngamehlo abomvu imini eliya kube iSebe lisebenza nabo aba bafundi xa lithatha imidlalo yeqonga liyisa emaphandleni ephondo lethu kunyaka-mali ozayo.

Somlomo, kulo nyaka-mali wama-2016/17, iSebe liza kuzama ukuqalisa intsebenziswano namanye amaqumrhu okanye amasebe ngokuthi lenze iinkqubo eziya kuba kowona mgangatho uphezulu. Oku kuya kuphunyezwa ngolu hlobo:

- Ukwandisa inkqubo yomculo weekwayala iye kufika e-Eden nakuMbindi Karoo.
- Ngaphandle kwamahlakani esisebenza nawo, afana neJazz on the Rocks kunye neSuidoosterfees, siza kuphinda sijonge eminye iminyhadala enokwenziwa apho abantu abatsha abachongiweyo baya kuzibonakalisa khona ze bafundiswe kananjalo.

Ngonyaka-mali wama-2016/17, abafundi abakwinkqubo esihlakene ngayo neYunivesithi yeseNtshona Koloni baza kuthatha inxaxheba kumculo owaziwa ngokuba yi "Zenzi" oveliswe kukusebenzisana phakathi kweYunivesithi yaseNtshona Koloni kunye neyaseMissouri. Aba bafundi baza kufumana ithuba lokuba batyelele futhi bakhenkethe kumazwe aphesheya.

IiNkonzo zaMaziko oLondolozo lweMbali

Ukuba ucinga ukuba amaziko olondolozo lwembaliziindawo ezidikayo nezingenamdla, ekugcinwa kuwo izinto ezindala, inokuba awukatyeleli kutsha nje kwelinye lamaziko olondolozo lwembali eNtshona Koloni. Uya kumangaliswa yindlela amaziko olondolozo lwembali asebenzisana ngayo nabantu nayindlela abalungiselelwa ngayo abantu beelwimi ezahlukeneyo kla maziko ethu. Noxa lithe chu nje isebe lethu kodwa liza kuqinisekisa ukuba amaziko olondolozo lwembali aguquka abe ziindawo ezingacaluliyo nezifikeleleka kubani wonke apho imbali eyahlukileyo iboniswayo khona ukuze bonke abantu bafunde. Somlomo, imali ezizigidi ezingama-R58 820 000 eyabelwa iiNkonzo zamaziko oLondolozo lweMbali kulo nyaka-mali mtsha iza kuncedisa ekuphumezeni ezi njongo.

Ngomhla woku-1 kweyoMsintsi 2015 iZiko loLondolozo lweMbali laseKapa lavulwa ngokusesikweni. Eli ziko lale mihla leLifa leMveli liza kuba yindawo ebalulekileyo yokufumana imbali nokukhula kwesixeko kubahlali kunye nabakhenkethi. Eli Ziko loLondolozo lweMbali liza kuba phaya kwesiya sakhiwo saziwa ngokuba yiStandard Bank kwiSitalato iAdderly. Sisalungiswa siyaphuculwa ngokwalo mzuzu asikagqitywa.

Njengoko nisazi ukuba saqala kwiSicwangciso i-Oral History Framework ngenyanga yaMafa eMveli 2015, siye saqalisa umboniso ojikelezayo omalunga nobomi bongasekhoyo uDulcie September obefanele ukuba ubhiyozela ukugqiba iminyaka engama-80 ezelwe. Lo mboniso udibanisa oovimba bogcino-maphepha abamalunga naye nabo basemthethweni nto leyo ekhuthaza wonke umntu ukuba abone ukubaluleka kwezinto zethu eziselugcinweni njengenxalenye yembali yoMzantsi Afrika.

Imbali yomlomo yenza ukuba zigcineke izinto eziyinxalenye yelifa lemveli ezingabambekiyo, nto leyo ikhuthaza ukubandakanyeka komntu wonke ngokwentlalo, ukuqondana, ukunyamezelana kunye nokwakheka kwesizwe. Ngoko ke ngentsebezniswano naMathala eencwadi, iNkonzo yaMaziko oLondolozo lweMbali iqalise eli phulo leMbali yoMlomo kumathala eencwadi eHawston kwingingqi yase-Overstrand ngomhla wesi-4 kweyoMnga 2015 nakuMasipala weBerg River ekupheleni kwenyanga yoMdumnba. Ubungqina bomlomo obuchola-cholwe ngevidiyo buyafumaneka kumathala eencwadi nakooVimba beeNkcukacha eziBalulekileyo bePhondo.

Ukuguqulwa kwemiboniso yamaziko olondolozo lwembali neenkqubo zoluntu eziqhutywa kumaziko olondolozo lwembali abandakanyekayo kuyaqhuba futhi ngeyeDwarha 2015 kwaqaliswa umboniso omtsha obizwa ngokuba yi-'*Stellenbosch kunye nabantu bayo*' mboniso lowo uqalwe phaya kwiZiko loLondolozo lweMbali laseStellenbosch. Lo mboniso ugxininisa ekuboniseni imbali yalaa ngingqi ikwaquka nezimvo zoluntu ebelucinezelekile ngaphambili. Iinkqubo zokuqala zenziwa ukulungiselela olu tshintsho kwimiboniso ekwiZiko loLondolozo lweMbali iBartolomeu Dias kunye naleyo iseWocester.

Ngonyaka wama-2016/17, umsebenzi okwiZiko loLondolozo lweMbali laseKapa uza kuqhuba. Kuza kunyulwa iQumrhu eliLawulayo, qumrhu elo liza kuqwalasela inkqubo yokukhulisa imiboniso esisigxina yeziko.. Umsebenzi wokwakhiwa kwesakhiwo

iStandard Bank uza kuqhubeka kwaye kulindeleke ukuba sibe sigqityiwe isakhiwo eso futhi sele sisetyenziswa xa kuphela lo nyaka-mali.

Iphulo lokuqalwa kweMbali yoMlomo kumathala eencwadi elaziwa ngokuba yi-Oral History Initiative liza kuqhutywa okokuqala, kwisithili ngasinye seli Phondo kunyaka wama-2016/17. Kule projekthi kuza kwabelwana ngembali yabantu neyoluntu jikelele kwaye amathala eencwadi aza kuba ziindawo ekuhlalwa kuzo luluntu nezixakeke kakhulu. Abahlali bakhululekile ngoku ukuba bangawatyelela amathala eencwadi bacele ukubalisa amabali abo ukuze ashicilelwe. Umzekelo omhle woku nguMongameli weStigting vir Bemagtiging van Afrikaans, uMnu Niel Le Roux, othe waqokelela amabali amalunga neSkuwerberg, mabali lawo avelisa iimbono nezinto ezingasayi kuze zicime kubantu bale ngingqi.

Ngentsebenziswano neLifa leMveli leNtshona Koloni, iSebe liza kuphuhlisa iiNdlela zeLifa leMveli ngeenjongo zokugxininisa kwimiba ethile yenkcubeko yethu sonke. Ezi ndlela ziza kuquka umzila wendlela iMandela Route, iCannons Route kunye neCape Malay Heritage Route.

Amaziko olondolozo lwembali aza kuhlala eyifumana inkxaso yemali, amathuba okuzithengisa eluntwini, imfundo noqeqesho, uphuhlisoa lwemiboniso, imisebenzi yolondolozo, ukubolekiswa kwabasebenzi, ukuxhasa nokucebisa. Ukuba izibonelelo zikhona, ezi nkonzo ziya kunwenwela nakumanye amaziko olondolozo lwembali.

Somlomo, ngokwamava am njengoMphathiswa weli sebe lichume kangaka, ndizuze lukhulu futhi ndazi banzi ngoku ngeendidi zoluntu kweli leNtshona Koloni. Ngeli xa uninzi lukholelwa ekubeni iyantlukwano phakathi kwethu: ngokweenkcubeko , iinkolelo zethu, amasiko, iilwimi, iimeko zentlalo noqoqosho, nditsho nkqu nobulungu bethu kumaqela ezopolitiko, zonke ezi zinto zizo ezenza sahluke futhi zisahlule njengesizwe esinye, ndikholelwa ekubeni into eyodwa kuthi ilapha kanye ekwahlukeni kwethu. Zininzi izinto esifana ngazo kunezo sahlkuke ngazo kwaye ukuba sinokukhawuleza siyiqonde loo nto kungangcono kakhulu.

Kufuneka side sazane, siqondane futhi sinyamezelane nangona sinezinto esahluke ngazo nje.

Kufuneka sifikelele kwinqanaba lokuba sibhiyoze sizonwabele ezi zinto sahluka ngazo sizame ukwakha isizwe esibandakanya wonke umntu – alikho ke elinye ixesha lokwenza oko ngaphandle kweli.

ILifa leMveli

Somlomo, kulo nyaka-mali wama-2016/17, iNkonzo yeLifa leMveli iza kufumana isixa semali esizizi-R7 894 000.

Kunyaka-mali ophelileyo igunya leenkonzo yelifa lemveli lePhondo elaziwa (i-HWC), lenze zonke inzame zokuqhubela phambili iinjongo zemithetho yelifa lemveli lesizwe ngokuthi kumiselwe, kwenziwe ze kugcinwe indlela efezekileyo yokulawulwa izibonelelo zelifa lemveli kwiPhondo. Ngonyaka wama-2015/16, eli gunya liye laphononononga izicelo ezimalunga nama-3000. Malunga nalo mba, iLifa leMveli leNtshona Koloni lisandula ukwenza isivumelwano kunye neSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo noPhuhliso loCwangciso, sivumelwano eso siza kuqinisekisa ukuba kusetyenziswa indlela eyamkelekileyo yokwenza izinto eyaziwa ngokuba siStandard Operating Procedure, xa kuphononongwa ifuthe eliza kudaleka kwinkcubeko xa kuguqulwa indawo ethile eliLifa ze kucetyiswe iindlela zokugcina izibonelelo zalo.

Ziinjongo zeLifa leMveli leNtshona Koloni ke ukuphinda kwenziwe izivumelwa ezinjengezi kunye namanye amaqumrhu anenxaxheba kweli sebe kunyaka-mali ozayo ngenjongo zokuncedisa ekubeni kulawulwe kakuhle nangendlela eyiyo izibonelelo zelifa lemveli. ILifa leMveli leNtshona Koloni, liyithathele ingqalelo imiba olunomdla kuyo uluntu kwaye iyayiqwalasela imfuneko yeendlela ezingcono zokwenza nokunika iingxelo nezikhumbuzo zembali. Kulo mba ke igunya lamafa emveli liqulunqe iSikhokelo seZikhumbuzo naMatye eziKhumbuzo kunye noMgaqo-nkqubo weeNdawo zoLwaluko.

Xa siqhubela phambili, iLifa leMveli leNtshona Koloni ifuna ukukhuthaza ukubhaliswa kwaMaqumrhu oLondolozo kwaye iza kuqalisa ukuyila uMgaqo wokuziPhatha eza kuba sisikhokelo kula maqumrhu xa ehlomla kwinkqubo yokwenziwa kwezicelo. Ngaphezu koko, injongo yayo kukukhuthaza nokukhokela uluntu obelucinezelekile

ngaphambili, ukuba lukwazi ukuthatha inxaxheba kwimiba enjengale. Ekugqibeleni ngabemi beNtshona Koloni abaxhamlayo kwimizamo yequmrhu eli kwaye iLifa leMveli leNtshona Koloni likhuthaza ukuba uluntu luthathe inxaxheba ekulawulweni izibonelelo zelifa lemveli zePhondo ukuqinisekisa ukuba inguqu iyenzeka.

Kunyaka ophelileyo kwanikwa ingxelo yokuba kuza kuqaliswa umsebenzi wokumiselwa kwendawo elilifa lemveli lesizwe samaKhoekhoen endaweni ekuthiwa yi Two Rivers Urban Park (TRUP). Le ndawo iza kubonisa imbali yokudibana kwesizwe samaKhoekhoen kunye namakoloniyali okokuqala ngonyaka we-1915. Le projekthi iza kuba phaya e-Observatory kwaye ihambisana kunye nenye iprojekthi eyenzelwa isizwe samaSan namaKhoekhoen ekubumbeni eli Phondo nesizwe sisonke. Le projekthi ivula ithuba lokuba kuqwalaselwe indima ebalulekileyo eyadlalwa ngama-Khoekhoen kunye nenzala yawo ekubumbeni eli Phondo nesizwe sisonke.

Mandithathe eli thuba, ndithi ndlela-ntle kuGqirha Errol Myburg, oliGosa eliyiNtloko leLifa leMveli leNtshona Koloni nohleli phaya kwigalari. UGqirha lo uthatha umhlala-phantsi emva kwenkonzo ende ayinike uluntu lweNtshona Koloni. Ndimbulela ngentliziyo yam yonke ngemizamo ayenzileyo ekukhuseleni amafa emveli ephondo lethu iminyaka emininzi. Mandamkele noMnu Mxolisi Dlamuka oza kungena endaweni yakhe njengeGosa eliyiNtloko leLIfa leMveli leNtshona Koloni ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2016.

liNkozo zeeLwimi kunye neKomiti yeeLwimi yeNtshona Koloni

Somlomo, ndiyaqonda ukuba iKomiti eLawulayo ixhalabile kukunqongophala kwezinto ezibhalwe ngesiXhosa kwiphondo leNtshona Koloni. Ndinelunda ke lokunazisa ukuba ngonyaka wama-2015/16, uMgaqo wokuziPhatha ngokweeLwimi osekelwe kuMgaqo-nkqubo weeLwimi weNtshona Koloni, yaqulunqwa liSebe yaze yamkelwa ngaBaphathi abaphezulu bePhondo ukuba iphunyezwe kuwo onke amasebe karhulumente eli phondo. ISebe liye lancedisa iZiko loQeqesho kwezoLimo i-Elsenburg xa ibiqulunqa uMgaqo woLwimi walo owamkeleke kubasebenzi nabafundi bonke.

Ngomhla wama-30 kweyoMsintsi 2015, umhla owaziwa ngokuba Lusuku lokuBhiyozela ukugGqulwa kweeLwimi, kwaziswa ngokusesikweni incwadana yesigama elwimi-ntathung ebizwa ngokuba yi-Government Specific Trilingual Terminology. Le ncwadana, ibonisa isigama esixhaphakileyo esisetyenziswa

eburhulumenteni ngeelwimi ezintathu zeNtshona Koloni, iyafumaneka nakwi-intanethi. Ixhasa indlela efanayo yokusetyenziswa kwesigama ngoosozilwimi ababonelela iinkonzo ephondweni.

Incwadi yesiXhosa yetshesi yona yamiselwa ngokusesikweni ngomhla wesi-7 kweyeThupha wama-2015. Le ncwadi ibhalwe nguMnu Watu Kobese owaphumelela kukhuphiswano lweeNgcali ehlabathini i-International Masters kwaye selekhe wamela isizwe soMzantsi Afrika amaxesha amaninzi. UMnu Kobese waye wayibona iyimfuneko incwadi yesiXhosa yetshesi. Ekunye neSebe lethu, wabhala isigama esimalunga netshesi, indlela edlalwa ngayo nangomdlalo wetshesi nje uwonke.

Le yincwadi yokuqala ekumila kunje kwaye yenza ukuba kube lula kubafundi ukuwuqonda lo mdlalo kathimba. Ndiyambulela umbhali uMnu Watu Kobese ohleli phaya kwigalari ngokuncedisana nesebe ekuphakamiseni ukusetyenziswa kweelwimi ezintathu zeNtshona Koloni ezizezi: I-Afrikansi, isiXhosa kunye nesiNgesi. Ngaphandle kwamathandabuzo usincedisile ekuqinisekiseni ukuba iNtshona Koloni ilikhaya elikhathalayo labantu bonke ngokudala uluntu oluthetha iilwimi ezininzi. Abantwana baza kukwazi ngoku ukufunda ngalo mdlalo ngolwimi lwabo lwasekhaya olusisiXhosa, futhi ke ngolu hlobo sikhuthaza ukubandakanyeka kwabantu bonke kwezemidlalo. Somlomo, kunyaka-mali ozayo sakube sisazisa okokuqala, incwadi yeqakamba nebhola yomnyazi eya kube ibhalwe ngesiXhosa. Le ncwadi ke iya kulandelwa yeyebhola ekhatywayo, amanqindi kunye nezembaleki nazo eziya kube zibhalwe ngesiXhosa.

Lugqityiwe uqulunqo lwesicwangciso soLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika, kwaye ijolise ekuphuculeni ukuhanjiswa kweenkonzo kuluntu oluthetha ngezandla lwaseNtshona Koloni. Bonke abantu abaphila abangeva kakuhle nabangamalungu emibutho eyahlukeneyo yeNtshona Koloni kuthethiwe nabo kwiindibano zocweyo ukuqinisekisa ukuba olu xwebhu luzibandakanya kangangoko izimvo zabantu abachaphazelekayo. UMichelle Lombard noSeleni Dumisa abaziitolikizolwimi lukuthetha ngezandla kunye noMnu Jabaar Mohamed ophuma kwi-DEAFSA ndibamkela kule Ndlu namhlanje ndibabulela kananjalo ngegalelo labo elincomekayo elenza ukubaiNtshona Koloni ibe yindawo eyamkela nenifikelela kuye wonke ubani. Isicwangciso soLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika

sikuphengululo lwesine loqulunqo ngoku kwaye sisaza kufumana iingcebiso kumasebe amaphondo afanelekileyo, malunga nayo, kulo nyaka-mali mtsha uzayo.

Ibikhe yabanjwa iNdibano yesiXhosa ngenjongo zokukhe iphonononge inkqubela-phambili futhi iqwalasele izinto ezinokuba yimiqobo ekusetyenzisweni kwesiXhosa njengolwimi loshishino kwiNtshona Koloni. Le ndibano yeengcali zemfundo ibibandakanya iziphakamiso neengxelo ezingekho sikweni ezenziwe zizifundiswa neengcali ezintetho yazo isisiXhosa. Iingcebiso ezivele kule ndibano ziza kuqwalaselwa kulo nyaka-mali uzayo.

Icandelo leeNkonzo zoLwimi apha eSebeni linoxanduva lokuxhasa onke amasebe ngokuthi liguqulele amaxwebhu kwezinye iilwimi, luhlele futhi luqinisekise ukuba onke amaxwebhu karhulumente akumgangatho owamkelekileyo ngokolwimi. Kunyaka wama-2015/16 kwaguqulelwa kwezinye iilwimi amaxwebhu angaphezu kwama-520, kwahlelwa amaxwebhu angaphezu kwama-250, ze kwatolikwa kwiindibano ezili-19, kuquka ukutolikela kuLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika.

ISebe liza kuqhuba nokuququzelela iintlanganiso zeQonga looSozilwimi lePhondo leNtshona Koloni (PLF). Eli Qonga lineengcali zolwimi kwaye ihlangana kathandathu ngonyaka ukuze ikwazi ukuxhasa ukukhula nokuphuhla koosozilwimi. Ukongeza, le Foram ijonga nokukhuliswa kwesigama kwaye ithatha inxaxheba ekuhlaziyeni imithetho yokubhalwa kolwimi lwesiXhosa.

Somlomo, ngesixa-mali esizizigidi ezi-R4 887 000 esabelwe iiNkonzo zoLwimi kweli Sebe, siza kuqhuba sinika inkxaso yolwimi kuzo zontathu iilwimi ezisemthethweni zaseNtshona Koloni kuwo onke amasebe eli phondo futhi siza kuba neenkonzo zokutolika apho kukho imfuneko, siquka noLwimi lokuThetha ngeZandla loMzantsi Afrika.

Umcimbi wokungena kwamakhwenkwe esuthwini ngexesha lasebusika ngonyaka-mali wama-2015/2016 uqukunjelwa ngaphandle kwezehlo zokufa nokulimala kwaye iSebe liyaqhuba nemizamo yalo yokwenza ukuba imeko ibe yeyenelisayo xa kusenziwa lo msebenzi wenkcubeko. Le mizamo iquka ukuyilwa koxwebhu olusisicwangciso sezolwaluko i-Initiation Framework and Protocol kunye nokuqeqeshwa nokuphuhliswa kweengcibi, ikuphela kweli phondo lethu esele likwenza oku. Iingcibi ziyakhuthazwa ukuba zilisebenzise eli thuba lokuqeqeshwa eliquka uncedo lokuqala, ukulawula umlilo nendawo esingqongileyo

kwanokuphuhliswa kwezakhono. Le nkxaso inikwa ukuze kukhuthazwe impilo nokhuseleko ukuqinisekisa ukuba isiko lokwaluka lenziwa ngendlela elungileyo.

Inkqubo yesi-3: liNkonzo zaMathala eeNcwadi nezoLondolozo lweeNkcukacha eziBalulekileyo

Somlomo, liNkonzo zaMathala eeNcwadi nezoLondolozo lweeNkcukacha eziBalulekileyo, zabelwe imali ezizigidi ezingama-R359 698 000 ukuze kudalwe ze kuphuhliswe iinkonzo ezakuhlala ziqhuba zamathala eencwadi, ulwazi nezokulondolozwa kweenkcukacha ezibalulekileyo.

ISebe leMicimbi yeNkcubeko kunye neMidlalo liza kuqhuba lixhasa iinkonzo zamathala eencwadi, njengoko lisenza njalo kumathala eencwadi angaphezulu kwama-366 kwiNtshona Koloni iphela. Amathala eencwadi aluncedo kakhulu, kwaye kwawona aba ziindawo zokufunda, zokuphumla nokwakha ubuhlobo. Ngoko ke, amathala eencwadi ayaqhubeka ngokuba nefuthe elihle ekuphuculeni iziphumo zemfundo. Kwakhona amathala eencwadi ayinxalenye yeprojekthi ebizwa ngokuba yi-Broadband Project eyiprojekthi edala unxibelelwano lweekhompyutha ngesantya esiphezulu kwizakhiwo zoluntu. Eli ke ligalelo elincomekayo ekuphuhliseni indlela ephucukileyo yokusebenza ejolise ekukhuliseni ulwazi nesakhono sokwenza inguqulelo nokuqala izinto ezintsha.

Somlomo, amathala eencwadi awagcini zincwadi nje kuphela koko akwayindawo yokwakha ubuhlobo futhi aziindawo ezikhuselekileyo zoluntu lwethu. Amathala eencwadi akha uluntu olukwaziyo ukuziphuhlisa, olunegalelo kwimfundo engapheliyo kwaye axhobisa ngenkcubeko etyebileyo kunye nenkqubela-phambili kwezoqoqosho. Konke oku kuyafumaneka kumathala eencwadi eli phondo.

Kwizinto esizicebayo kulo nyaka-mali uzayo singabalula ezi:

- Ukuthenga izixhobo ezifunekayo kumathala eencwadi eziquka ezeekhompyutha ukuze sikhuthaze ukuba abantu bakuthande ukufunda.
- INkonzo yaMathala eeNcwadi yeNtshona Koloni yinxalenye yephulo lokukhutshwa kweBrodibhendi enesantya esiphezulu neyi-intanethi efumaneka felefele kumathala eencwadi oluntu. Okwangoku ngamathala angama-66 asele enayo le intanethi, injongo kukuba kule minyaka mibini izayo ibe ifumaneka kwamanye amathala eencwadi angama-200.

- Siza kuxhasa ngemali ukuze kugqityezelwe amathala eencwadi amatsha amahlanu eAbbotsdale kuMasipala wase-Swartland, eAshbury kuMasipala waseLangeberg, eBerghof kuMasipala waseBergrivier, eGroendal kuMasipala waseStellenbosch naseHerbertsdale kuMasipala waseMossel Bay.
- Izixhobo zamathala eencwadi amathathu akhoyo e-Eikendale kuMasipala weSixeko saseKapa, eWorcester kuMasipala waseBreede Valley naseSuurbraak kuMasipala waseSwellendam ziya kuphuculwa ngoncedo lwemali oluvela kwisibonelelo.Siza kubonelela ngoncedo lwemali kumathala amatsha eencwadi aseKhayalethu kuMasipala wase Knysna naseDu noon.
- Siza kubonelela ngoncedo lwemali ukuphucula ithala leencwadi iHawston.

- Inkonzo ekhethekileyo yabakhubazeke ngokwasemehlweni iza kunwenwela kwamanye amathala eencwadi asixhenxe.

- Siza kuphuhlisa izakhono zobuchwepheshe zabasebenzi kusetyenziswa iinkqubo ezahlukeneyo zokuqeqesha.

- Siza kuqhuba ngeenkqubo ezikhuthaza nezinika ulwazi ngokusetyenziswa kwamathala eencwadi;

- Siza kubonelela ngoncedo lokusetyenziswa kweSLIMS (SITA Library Information Management System) kumathala eencwadi asemaphandleni;

- Siza kubonelela ngoncedo lwemali eza kuthenga izixhobo eziza kucupha izenzo ezinxamnye nokukhutshwa kweencwadi kumathala eencwadi.

- Siza kuqhuba ukuqesha abaxhamla kwi-EPWP ukuncedisa ulawulo lwempahla yexabiso yamathala eencwadi.

Inkqubo yesi-4: IMidlalo noLonwabo

Somlomo, imbali isibonisile amaxesha ngamaxesha ukuba imidlalo inesakhono sokuhlanganisa amaqela abantu abohlukeneyo. Amazwi ongasekhoyo, nohloniphekileyo uNelson Mandela athi: **"**Imidlalo ingadala ithemba apho bekugquba inkxwaleko. Inamandla ukogqitha oorhulumente ekudilizeni imiqobo yobuhlanga. Imidlalo izenza intlekisa zonke izenzo zocalucalulo **".** Ngenxa yeli Sebe, ndibe nenyhweba yokuba ndibe lingqina lezi zinto nam kwaye ndiqinisekile ukuba

abaninzi kuni abangamangqina. Ndingathanda ukunikhumbuza ngeNdebe yeHlabathi yeBhola yoMbhoxo yowe-1995, iNdebe yeHlabathi yeBhola eKhatywayo yonyaka wama-2010, nokhenketho ngeebhayisekile oluqhutywayo minyaka le (Annual Cycle Tours) neminye iminyhadala yemidlalo ekwenza uzingce ngokuba ngummi womMzantsi Afrika. Imidlalo isenza sizive siyinxalenye yelizwe elingachatshazelwayo kukwahluka kweenkcubeko, iilwimi zenkobe nobulungu kwimibutho yopolitiko. Sonke singabemi boMzantsi Afrika abamanywe kukuxhasa iqela elinye, sicula umhobe wesizwe omnye, sibhabhisa iflegi enye. Somlomo, amaxesha ngamaxesha imidlalo nolonwabo lubonakalise ukuba negalelo ekuhlanganiseni uluntu kambe olunezinto-yinto olwahluke ngazo. Kungenxa yesi sizathu isixa semali engama- R205 593 000 sabelwe inkqubo yesi-4: Imidlalo nolonwabo. Akuthandabuzeki ukuba esi sabelo siza kuphuhlisa imidlalo ukuze ibe negalelo kwibuyambo nasekuphuhliseni abahlali baseNtshona Koloni. Oku kungenziwa ngokubonelela uluntu ngamaziko, iinkqubo neenkonzo zemidlalo ezifikelelekayo nezilinganayo. Olu lwabiwo-mali lungaphuhlisa imidlalo ezikolweni ngokuncedisa ekwakheni amaqumrhu, ukhuphiswano, ukuchongwa kweetalente, uphuhliso, udidi oluthile nemisebenzi ekudidi olungentla.

Inkqubo yethu yeMOD ingundoqo kwi-After School game changer eyaziswe yinkulumbuso kwintetho yakhe yephondo. Unyaka-mali wama-2016/17 uya kuqinisekisa ukusetyenziswa kweendlela zokuphucula umgangatho wokundwendwelwa kwamaziko eMOD angama-181.
Kuza kugxininiswa ekwandiseni amathuba okundwendwelwa kwala maziko nesantya sokuthabatha inxaxheba kwezikolo zamabanga aphezulu ngokuthi kusetyenziswe imisebenzi yangaphakathi nangaphandle kweklasi. Oku kungakhokelela ekwakhiweni kwamaqela ezikolweni.

Kugxilwe kakhulu ekudaleni intsebenziswano phakathi kwamahlakani angaphandle nangaphakathi ukusasaza imisebenzi yeMOD nokuqinisekisa ukuba izikolo ezingahlawuli mali zinakho ukunika abafundi bazo inkqubo yemidlalo, ubugcisa nenkcubeko esemgangathweni. Eli lilinge elitshayelela inkqubo ekuthiwa yiNeighbouring Schools Programme engu-ndoqo kukhuphiswano lwemidlalo ezikolweni Ngenxa yokusebenzisana nala mahlakani nokunika izixhobo izikolo ezingahlawuli mali, aba bafundi baza kwazi ukuthabatha inxaxheba kwimisebenzi

ekhethwe ngabo ukuze babe lulutsha oluxhotyisiweyo nolulungele ubomi. Ulungiselelo lwezokhuseleko lwabafundi kuMaziko eMOD, aza komelezwa kukufezekiswa kwesicwangciso sokhuseleko zeSebe loKhuseleko loLuntu neNkonzo yaMapolisa aseMazantsi Afrika kwiingingqi ezi-4 eKraaifontein, eAtlantis, eElsies River naseGugulethu. Ukongeza oku, ukutyalwa kooNogada ezikolweni liSebe loKhuseleko loLuntu lilinge lokusombulula ingxaki yokhuseleko kumaziko eMOD. Oonogada abajongene nokhuseleko ezikolweni baza kubekwa kumaziko ama-3 kuMasipala oMbaxa. Amaziko eMOD asi-8 ongezelelweyo achongiwe ukuze afumane inkqubo ebizwa ngokuba yi-Yebo (Year Beyond) elicandelo elijongene nezemfundo kwinkqubo yeMOD.

Somlomo, abafundi abakwinkqubo yeMOD balifumene kula maziko ithuba lokuphuhlisa iitalente zabo. Ngexesha lesidlo sasemini, amalungu ale ndlu nale ndibano, akhe afumana sisiphumo sale nkqubo.

Amaqela eemvumi acule umhobe wesizwe nguSaroney Vaughn noClyde Hanekom abangabaseWorcester; uJody Basson waseSaldanha; uLisa Petersen waseMitchell's Plain, uMalelhoa Khoarane wakwaLanga; uAneesha Langeveldt waseManenberg noBrandon Mack osuka eSwellendam. Ngexesha lesidlo sasemini iijagla zonwabise abantu, ooBulelani Molefe, Neo Hlitana, Vuyani Lottering noRoman Molefe, bonke besuka kwaLanga. UJamie Perry, Royden Botha, Amien Solomans waseLavender Hill noLulamba Damba waseKhayelitsha bonke abangabadanisi, bona bonwabise abantu ngetalente yabp yokudanisa. Umboniso owodwa weqela lentambula lokumatsha wenziwe ngumbutho iWestern Province Marching Association.

Ndifuna ukubalula igalelo elenziwe nguMnumzana uSaeed Ruiters, uMongameli wombutho wokumatsha iWestern Province Marching Association noNkosikazi uShamielah Toffar, uNobhala walo mbutho abahleli egalari namhlanje. Ndibulela umntu ngamnye kubo ngokukhetha ukulithabatha ithuba abalinikiweyo nenxaxheba ekuzibandakanyeni kwimisebenzi eyakhayo nasekwenzeni igalelo elihle ekuphuhliseni ulutsha olungqongwe ziingxaki ezininzi zolwaphulo-mthetho ekuhlaleni.

Somlomo, uphuhliso lweetalente nomdla woluntu olubandakanya uluntu lonke noluphelisa isimilo sokwaphula umthetho, ngundoqo wenkqubo yethu yeMOD. Enye inkqubela emangalisayo yenkqubo yethu yeMOD yileyo kaKaylin Jordaan waseHout

Bay. Ukususela ngonyaka wama-2010, uKaylin ube yinxalenye yenkqubo iMOD kwisikolo samabanga aphantsi iSentinal nakwisikolo samabanga aphezulu iHout Bay. Kwiminyaka emibini efunda kwisikolo samabanga aphezulu, ube nenyhweba yokudlala kwi-playoffs zezikolo ezikwinqanaba eliphezulu zaseMzantsi Afrika. Ngenxa yezi phumo zemidlalo yovavanyo uye wamenywa ukuba athabathe inxaxheba kwimidlalo yovavanyo yesizwe yeqela labangaphantsi kweminyaka eli-17. Wakhethwa ukuba amele ilizwe lakhe kwiqela lesizwe lamantombazana angaphantsi kweminyaka eli-17 (Bantwana). Ngoku ufunda kwiziko elaziwa ngokuba yiTUKS University Performance Centre ePitoli apho aye kuzilola khona ngakumbi izakhono zakhe namathuba.

Somlomo, singuRhulumente waseNtshona Koloni sizinikele ekudaleni imo eya kwenza abantu baseNtshona Koloni ukuba baphile impilo abayixabisileyo. Isebe lethu lihlala lityala imali kwizixhobo zokuziphuhlisa ezidingekayo ukuphucula nokunyusa umgangatho wemidlalo. Ngokuzingca okukhulu, kuluvuyo kum ukunazisa ukuba iphondo laseNtshona Koloni liyawakhokela amanye amaphondo ngamanani eeprojekthi zamaziko emidlalo. Iprojekthi ezingama-90 zisendleleni yokumiselwa kweli phondo ze lilandelwe liphondo laseFreyistata ngama-52.

Kulo nyaka-mali wama-2016/17 isixa esingangama-R510 000 sabelwe iziko loqeqesho namabala amabini ebhola yomnyazi eBeaufort West. I-Cape Agulhas iza kufumana isixa-mali esingama-R700 000 sokwakha iziko loqeqeshokwingingqi yase-Overberg. UMasipala waseStellenbosch uza kusebenzisa imali engangama-R60 000 kumzila weebhayisekile iCycling BMX track. UMasipala waseSwartland uza kubonenelwa ngamabala amabini ebhola yomnyazi eWestbank naseMalmesbury axabisa imali engangama-R54 000 noMasipala waseGeorge uza kuxhamla kumabala amatsha ebhola yomyazi nawo axabisa ama-R54 000.

Isebe lixhase amabhunga emidlalo eZithili ama-6 neConfederation yePhondo ekukho kuwo uRichard Buckley waseMetro, uLorenzo Arendse waseCape Winelands noDesmond Spielman waMabunga eMidlalo ase-Eden amelweyo apha namhlanje. Kunyaka-mali wama-2015/16 eli Sebe lidlulisele isixa-mali esizizigidi ezi-R2 209 000, yaye ngalo wama-2016/17 liza kuwelisa izigidi ezi-R2 881 400. Kwessi sixa kuza kubonelelwa neeManyano zeMidlalo zePhondo, umzekelo, eyeNtenetya yaseNtshona Koloni, eyebhola yomnyazi neyezikhephe. Ndinelunda ukunazisa ukuba sinehlakani elaziwa eliphuma kubasebenzi bakarhulumente phantsi

kweBhunga lweMidlalo laseMbid Karoo elimiselwe, lomelezwa labonelelwa ngenkxaso-mali.

Somlomo, xa ndishwankathela, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo liza kuchitha inxalenye yemali yenkqubo yesi-4 kwisithili ngasinye seli phondo kulo nyaka-mali wama-2016/17. Okulandelayo ngamagqabantshintshi okuza kwenzeka kwisithili ngasinye.

ECape Winelands:

- Siza kuncedisa izikolo ezingabamelwane ngokuzibonelela ngezixhobo ukuze zithabathe inxaxheba kwiligi yezikolo. Oku kuquka iWorcester, iStellenbosch, iPaarl, eMbekweni, iRobertson, iGouda, iKoue Bokkeveld, ieres neWolseley. Ukhuphiswano lwezikolo zesekethe luza kuqhutywa ukususela kuTshazimpuzi ukuya kweyeDwarha 2016. Ukhuphiswano lwesithili luza kwenzeka kuTshazimpuzi, kweyeThupha wama-2016 nangeyoMdumba wama-2017.
- IMidlalo yeMveli yeSithili iza kudlalwa ngomhla wama-28 kuCanzibe eZwelethemba.
- Imidlalo yesithili eyaziwa ngeDistrict Golden Games iza kudlalelwa eWorcester.
- I-Big Walk yesithili icwangciselwe umhla woku-1 kweyeDwarha ngowama-2016 eBonnievale.
- Ikampu yolutsha lwaseCape Winelands idityaniswe ne-Overberg icwangciselwe umhla wesi-9 kweyeThupha ngowama-2016.
- Siza kuqhuba siwanika nkxaso amaziko eMOD angama-24 kwingingqi yaseStellenbosch, ePaarl, eGouda, eDe Doorns, eRobertson, eTouwsrivier, eCeres naseWolseley.

IKaroo eseMbindini:

- Siza kuncedisa izikolo ezingabamelwane ngokuzibonelela ngezixhobo ukuze zithabathe inxaxheba kwiligi yezikolo eBeaufort West, eLaingsburg, ePrince Albert naseMurraysburg**.**
- IMidlalo yeMveli yeSithili eyaziwa ngokuba yiDistrict Indigenous Games iza kudlalelwa eMandlenkosi ngomhla wesi-4 kweyeSilimela ngowama-2016

- Imidlalo yesithili eyaziwa ngeDistrict Golden Games iza kudlalelwa eBeaufort West ngomhla wama-20 kuCanzibe ngowama-2016.
- IBig Walk yesithili icwangciselwe umhla woku-1 kweyeDwarhangowama-2016 eLaingsburg.
- Ikampu yolutsha loMbindi Karoo idityaniswe ne-Eden icwangciselwe umhla wama-25 kweyeThupha ngowama-2016.
- Siza kuqhubeka sinika Inkxaso amaziko eMOD ali-13 kwingingqi yase Murraysburg, eNelspoort, eBeaufort West, eLeeu Gamka, ePrince Albert naseLaingsburg.

Kwisithili sase-Eden:

- Siza kuncedisa izikolo ezingabamelwane ngokuzibonelela ngezixhobo ukuze zithabathe inxaxheba kwiligi yezikolo eGrootbrak, eMossel Bay, eGeorge, eOudtshoorn, ePlettenberg Bay, ePacaltsdorp, eHeidelberg, eRiversdale, eKnysna naseLadismith.
- Siza kuqhuba sinika inkxaso yezixhobo kwisikolo iGeorge High Sport Focus School.
- IMidlalo yeMveli yeSithili iza kudlalelwa eThembalethu ngomhla wama-21 kuCanzibe 2016.
- Imidlalo yesithili eyaziwa ngeDistrict Golden Games iza kudlalelwa e Oudtshoorn ngomhla we- 12 kweyeSilimela 2016.
- IBig Walk yesithili icwangciselwe umhla woku-1 kweyeDwarha 2016 eMossel Bay.
- Ikampu yolutsha lwaseCentral Karoo idityaniswe neEden icwangciselwe umhla wama-25 kweyeThupha 2016.
- Siza kuqhubeka sinika inkxaso kumaziko iMOD ali-16 kwingingqi yasePletteberg Bay, eKnysna, eGeorge, eRiversdale, eHeidelberg, eGrootbrak, eMossel Bay, eDysselsdorp, eOudtshoorn naseCalitzdorp.

Kwisithili sase-Overberg:

- Siza kuncedisa izikolo ezingabamelwane ngokuzibonelela ngezixhobo ukuze zithabathe inxaxheba kwiligi yezikolo eGansbaai, eCaledon, eGrabouw, eZwelihle, eSwellendam, eBredasdorp, eBarrydale, eGenadendal, eHawston

naseVilliersdorp.

- Imidlalo yemveli yesithili iza kudlalelwa eZwelihle ngomhla we-14 kuCanzibe ngowama-2016.
- Imidlalo yesithili eyaziwa nge-District Golden Games iza kudlalelwa e Bredasdorp ngomhla wama-20 kuCanzibe ngowama-2016.
- IBig Walk yesithili icwangciselwe umhla woku-1 kweyeDwarha ngowama-2016 eHermanus.
- Ikampu yolutsha lwaseCape Winelands idityaniswe ne-Overberg icwangciselwe umhla we-9 kweyeThupha 2016.
- Siza kuqhuba sinika inkxaso kumaziko eMOD ali-16 kwingingqi yaseBarrydale, eSwellendam, eGrabouw, eVilliersdorp, eGenadendal, eHermanus, eGansbaai naseBredasdorp.

Kwisithili soNxweme oluseNtshona:

- Siza kuncedisa izikolo ezingabamelwane ngokuzibonelela ngezixhobo ukuze zithabathe inxaxheba kwiligi yezikolo eMalmesbury, eSaldanha, eVanrhynsdorp, eVredenburg, eCitrusdal, eVredendal, eLutzville, eRiebeekwes, eDoringbaai nasePiketberg.
- Siza kuqhuba sinika inkxaso yezixhobo kwisikolo iGeorge High Sport Focus School.
- IMidlalo yeMveli yeSithili iza kudlalelwa eVredenburg ngomhla wesi-7 kweyeSilimela 2016.
- Imidlalo yesithili eyaziwa njengeDistrict Golden Games iza kudlalelwa eVredendal, eVredenburg naseCedarberg ngomhla wesi-6 nowama-22 kweyeSilimela, nangomhla wesi-6 kweyeThupha 2016.
    - I-Big Walk yesithili icwangciselwe umhla woku-1 kweyeDwarha 2016 eVredenburg.
    - Ikampu yolutsha icwangciselwe umhla we-16 kweyeThupha 2016 eLower West Coast.
    - Siza kuqhubeka sinika inkxaso kumaziko eMOD ali-16 kwingingqi yaseLutzville, eVredendal, eVanrhynsdorp, eBitterfontein, eClanwilliam, eCitrusdal, ePorterville, eMoorreesburg, eMalmesbury, eRiebeeck Wes, eSaldanha nase Vredendburg.

Kwi-Cape Metropole:

- Siza kuncedisa izikolo ezingabamelwane ngokuzinika izixhobo ukuze zithabathe inxaxheba kwiligi yezikolo ngolu hlobo:
    - ✓ IMetro esembindini: Langa, Heideveld, Bonteheuwel, Gugulethu, Athlone neKapa.
    - ✓ IMpuma Metro: Khayelitsha (South), Khayelitsha (Central), Bluedowns, Kraaifontein, Macassar neSarepta.
    - ✓ IMetro eseMantla: Belhar, Bishop Lavis, Atlantis, Elsies River neBloekombos.
    - ✓ IMetro eseMazantsi: Lentegeur, Lavender Hill, Ocean View, Philippi, Grassy Park neRocklands.
- Siza kuqhubeka sinika inkxaso nezibonelelo ngenkqubo iWestern Cape Sport Focus School
- IMidlalo yeMveli yeSithili iza kudlalelwa eKuilsriver ngomhla we-11 kweyeSilimela2016. Le ngqingqi iya kusindleka nemidlalo yemveli yaseNtshona Koloni eyaziwa ngokuba yi-Western Cape Indigenous Games ukusuka ngomhla wama -29 ukuya kuma-31 kweyeThupha 2016.
- Imidlalo yesithili eyaziwa ngokuba yi-District Golden Games iyakudlalelwa eBellville ngomhla we-17 kuCanzibe 2016
- I-Big Walk yesithili neyePhondo icwangciselwe eyeNkanga 2016 eKapa.
- Inkampi yolutsha imiselwe umhla we-2 2016.
- Siza kuqhubeka sinika Inkxaso amaziko eMOD angama-96 kwezindawo zilandelayo:
    - ✓ Metro Central: Hout Bay, Kensington, Langa, Heideveld, Bonteheuwel, Gugulethu, Bridgetown, Athlone, Cape Town and Manenberg.
    - ✓ Metro East: Khayelitsha, Mfuleni, Blue Downs, Kraaifontein, Macassar and Kuils River and Eerste River.
    - ✓ Metro North: Atlantis, Du Noon, Elsies River, Bishop Lavis, Belhar, Bellville and Kraaifontein.
    - ✓ Metro South: Ocean View, Retreat, Lavender Hill, Philippi, Grassy Park and Mitchells Plain.

- Isikolo samabanga aphezulu iNtlanganiso sichongelwe ukuba kuphuculwe izixhobo zaso.
- Isebe liza kunika uqeqesho lokuphuhlisa izakhono kootishala abangama-60 okanye amavoluntiya kwisithili ngasinye.

Somlomo, imidlalo ayidali nje ukuziva ungumntu phakathi kwabanyeintsebenziswano, imbeko, ukuziqonda, uvelwano, ukuzingca, ithemba, nobunye, ikwanika umkhomba-ndlela, injongo, nethemba ngekamva. Kungenxa yeso sizathu imidlalo ibonwa njengenegalelo kwiphulo likaRhulumente waseNtshona Koloni lokutshintsha nokusombulula iingxaki zokusetyenziswa kotywala ngokugqithisileyo. Ukuba ulutsha lwethu lungazixakekisa ngeenkqubo ezakhayo lungaba lulutsha olunekamva eliqaqambileyo kunokuba libe ngamaxhoba ezinto ezingakhiyo ezifana nokusetyenziswa kweziyobisi nokuba yinxalenye yamaqela oonqevu. Yinjongo yethu ephambili ukukhuthaza ukwenziwa kwezinto ngokugqibeleleleyo nokubandakanywa komntu wonke kwimidlalo nenkcubeko ngokusebenzisa izixhobo namaziko ngokufanelekileyo nangokudala amahlakani.

Xa sidala ukugqibelela kwezemidlalo sidala imo evumela ukufikeleka nokuthatyathwa kwenxaxheba ngabantu abaninzi, ukuchonga italente nokuphuhliswa kwezakhono. Ngexesha lam njengoMphathiswa, ndibe nethamsanqa lokuthabatha inxaxheba kwiinkqubo zolutsha ezakhayo ezigxila kwiikhowudi zemidlalo ezahlukeneyo nemisebenzi yobugcisa eyahlukeneyo. Phakathi kwezinye izinto singabalula:

- I-Oasis, phantsi kwenkokeli engu-Clifford Martinus okwigalari yethu namhlanje, ingumbutho ongenzi nzuzo obhalisiwe ngokusesikweni nonjongo yawo ikukuphuhlisa iinkqubo zemidlalo. Ezi nkqubo liqonga lokudibanisa ulutsha nabantu abadala abasuka kwiindawo ezifudula zihlelelekile benikwa amathuba emfundo nezakhono zobomi.

  Yile nkqubo ebangele ukuba ulutsha obelungenamakhaya luthabathe inxaxheba kwiinkqubo zalo lwaze lwangenela ukhuphiswano kwi-International Homeless Street Soccer World Cup e-Amsterdam kulo nyaka uphelileyo lwaphuma indawo yesi-5 phakathi kwamazwe angama-64. Kukho umbono wokuba iSebe lethu liza kuphinda lilixhase ngemali eli qela eliza xa lithabatha

inxaxheba kwindebe yehlabathi kulo nyaka kubandakanywa nelamantombazana odwa.

- I-9Miles Project ngumbutho ongenzi nzuzo wolutsha nophuhliso lwabahlali osebenzisa umdlalo wokutyibilika ngeplanga phezu kwamanzi njengeqonga lokuzisa inguqu ngokuthi lijonge ulutsha lwaseKapa olusesichengeni. UNigel Savel, umseki walo mbutho udibanise ulwazi ngokhuseleko emanzini ngokufundisa ukuqubha nokutyibilika emanzini ngendlela eyonwabisayo. UCaleb Swanepoel, ominyaka ingama-20 wasePrince Albert, owasinda cebetshu ehlaselwe ngukrebe eBuffels Bay ngomhla wama-27 kweyeSilimela ngowama-2015, undikhaphile xa bendiye kuthatha isifundo sam sokuqala sokutyibilika phezu kwamanzi kwi-9Miles Project. Wabelana ngamava akhe amanngalisayo negquba labantwana ababelapho, ebanika, iingcebiso ngendlela zokuzikhusela emanzini, wabakhuthuza ukuba bangatyhafi koko bazame kangangoko uukuyisombulula nayiphina imiceli-mngeni abahlangana nayo.

- Somlomo, ngomso lusuku lokugqibela lwenyanga yokhuphiswano lomdyarho weebhayisekile eNtshona Koloni. Sibe nempumelelo ekusindlekeni iminyhadala yeebhayisekile efana neCape Rouleur, iCape Town Cycle Tour ne-ABSA Cape Epic. Iinkweli ezinetalente eziphuma kubahlali abasesichengeni zikhethiwe ukuze zithabathe inxaxheba kwiinkqubo zophuhliso ezininzi ezithi zizixhase ze zizilungiselele ukuba zibe ziimbaleki ezivunyiweyo ezilungele ukukhuphisana kwiiminyhadala yeebhayisekile kumazwe ngamazwe.

Enye yezo nkqubo yaziwa ngokuba yi-HotChillee's young development rider's programme. I-Hotchillee isebenza ne-JAG, iVelokhaya ne-Cape Town Giants. Le nkqubo liyenzelwe ukudala iqonga leenkweli eziselula nezisakhasayo zaseMzantsi Afrika ukuze zinyukele kumgangatho weembaleki zamazwe ngamazwe. UShameeg Salie waseGrassy Park wanikwa inkxaso yemali liSebe lethu ukuba athabathe inkxaxheba eYurophu kulo nyaka uphelileyo. Kulo nyaka siza kuxhasa iinkweli ezisakhasayo ukuba zikhuphisane kwiminyhadala eyaziwa ngokuba yi-European cycling.

Isiphelo

Somlomo, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lidlala indima ebaluleke kakhulu ekubandakanyeni uluntu olwahlukeneyo, nto leyo esenza simanyane. Kungcono xa simanyene. Ndingatyatyadula ndingayeki ukuthetha ngegalelo elihle elenziwe leli Sebe kubahlali kodwa akuncedi nto ukuba ibe sithi sodwa abaziyo, ababona ubungqina, abavakalelwayo, abanamava. Abantu ekuhlaleni mabazi ngenkqubela eyenziweyo naxa siphakathi kwengxwabangxwaba. Mabanikwe ithemba njengoko bezifumana besezindaweni ezibeka ubomi babo esichengeni. Amaqhawe angabadlali, amachule kwezobugcisa nezenkcubeko akhona ekuhlaleni. Abantu bethu badinga ukuhlaziywa kwethemba lokuba njengesizwe simanyene naxa sahluka-hlukene.

Sileli Sebe, abasebenzi balo abazinikeleyo neenkqubo zethu ezakhayo sinakho ukwenza ubomi baseNtshona Koloni bube ngcono. Uluntu jikelele malwaziswe ukuba bukhona ubomi obungcono. Xa bebona abanye abantu bewathabatha amathuba okuphila ngendlela efanelekileyo inokunwenwa loo nto itshintshe ubomi babo. Ndiyanimema nonke nina balapha ukuba nisincedise ekufezekiseni umbono neenjongo zeli Sebe endaweni yokuphembelela ucalu-calulo oludala iyantlukwano. Masikubhiyozele ukwahluka nokungafani kwethu kuba ubuhle bethu bulele kwiyantlukwano yethu.

Ndiyabulela.